UNowwa wayeyindoda eyayimkhonza imoyika uThixo.



Wonke umntu wayemthiyile uThxo bengamhloneli kananjalo.



Ngaminazana ithile UThixo wathetha into eyothusayo.



Wathi uThixo ndizakuwubhubhisa umhlaba lusapho lwakho lodwa luyakusinda.



UThixo wamlumkisa ke uNowa ngoNogumbe ozakuna uzalise umhlaba.



"Yakha inqaba umkhombe omkhulu ngokwaneleyo wena nosapho lwakho kunye nezilwanyana ezininzi."



Wanikwa umyalelo uNowa. UThixo wamnika umyalezo ongqalileyo uNowa waze waqalisa ukuxakeka esebenza.





Abantu babehlekisa ngaye uNowa xa wayebaxelela esakha umkhombe.



uNowa waqhubeka esakha.

Ebaxelela kananjalo abantu ngoThixo.

Kodwa zange bamphulaphule.



UNowa wayenokholo olukhulu.





Emthemba uThixo nokuba ingazange ine imvula ngaphambili.



Waza umkhombe walungela ukuqabelisa imithwalo.

Ngoko zeza izilwanyane. UThixo wezisa izinambuzane ezisixhenxe, ezimbini zezinye.



Iintaka ezinkulu nezincinane Izilo ezinkulu nezincinanenazo zangena emkhombeni.



Mhlawumbi abantu babemthuka uNowa xa engenisa izilwanyana emkhombeni.



B Baqhubeka besona ebusweni bukaThixo. Abafunanga ukungena emkhombeni.



"Wena nosapho lwakho"



UNowa, umkakhe, oonyana abakhe abthathu bakhwela emkhombeni.



Waze waluvala uThixo ucango.



Yana ke imvula. UNogumbe wazalisa umhlaba intsuku ezingamashumi amane nobusuku nemini.



Izikhukhula zaphuphumela kwidolophu nasezilalini.



Kuthe xa seyinqumamile imvula neentaba nazo zazogqunywe ngamanzi.



Yonke into eyayinomphefumlo yabhubha.



Xa amanzi
ayesonyuka
umkhombe
wadaa
ngaphezulu.



Mhlawumbi wawumnyama ngaphakathi, mhlawumbi unamagingxigingxi okanye usoyikeka. Kodwa umkhombe wazimelisa uNowa kuNogumbe.

Emveni kwenyanga ezintlanu zikzNogumbe, UThixo wathumela umoya wokomisa.





Kancinane, umkhombe wemisa phezu kwentaba yeArafati.

UNowa wathumela iHlungulu neHobe ngentunja yasemkhombeni. Lakungafumaji ndaawo yomileyo ihobe labuyela kwasemkhumbini kuNowa.





Emveni kweveki, uNowa waphinda wazama. Ihobe labuya liphethe igqabi lomthi ngomlomo.





Kwelandelayo
iveki uNowa
wayazi ukuba
komile kuba ihobe
alibuyanga.

UThixo wamxelela uNowa ukuba ithuba lifikile lokuba bawushiye umkhombe.




Ekunye nosapho lwakhe uNowa bazikhupha izilwanyana emkhombeni.

Inokuba waba novulo olunjani uNowa.




Wakha isibingelelo sokunqula uThixo omsindisileyo
kunye nosapho lwakhe kwimvula enkulu unogumbe.

Wathi akanakuze aphhinde athumele

uNogumbe ukugweba umntu ngesono sakhe.




UThixo wenza sikhumbuzo esikhulu
sesithembiso sakhe. Umnyama wabasisithembiso sakhe uThixo.

UNowa
nosapo lwakhe
bafumana isiqalo
esitsha emva



kukaNogumbe.



Ngexesha
inzala yakhe izaliza
umhlaba kwakhona.
Zonke izizwe
ezisemhlabeni

zavelakuNowa
abantwana bakhe.

UNowa noNogumbe

Ibali elisuka emzwini aka thixo, eliyiBhaibhile

Ifumaneka ku

Genesisi 6-10

"Ukutyhilwa kwamazwi akho, Kuyakhanyisa."
Indumiso 119:130

Eli bali le Bhayibhile lisixelela ngobuhle bukaThixo wethu osidalileyo wafuna ukuba umazi Yena.

UThixo uyayazi ukuba senze izinto ezimbi, azibiza ngokuba sisono. Umvuzo wesono kukufa, kodwa uThixo uyakuthanda kangangokuba uthumele unyana wakhe okuphela kwakhe uYesu, ukuba afe emnqamlezweni ohlwaywe ngezono zethu. UYesu wavuka ekufeni wabuya wenyukela emazulwini! Ukuba uyakholwa kuYesu umcela akuba akuxolele izono zakho, uyakuza ahlale kuwe ngoku, uyakuhlala kuye ngona phakade.

Ukuba uyakholwa ukuba
le yinyaniso, yithi kuThixo:

Nkosi Yesu, ndiyakholwa ukuba unguThixo, kwaye weza wabangumntu ukufela amatyala am, wabuye waphila kwakhona. Nceda ungene ebomin bam undixolelele izono zam, ukuze ndibenobomi obutsha, ukuze ngenye imini ndihambe ndiyokuba nawe ngonaphakade. Ndincede ndinguthobele zendiphilele wena njengomntwana wakho. Amen.

Funda iBhayibhile uthethe noThixo
yonke imihla! John 3:16